ukuba umpéfumlo wakè kaloku uvatisiwe ngesivatò esimhlopè ebusweni besihlalo sika Yehova.

"Mabati bonke abantu base ma-Xoseni bafunde, bazekele ku-Ntsikana ukulinyamekela ilizwi lika Tixo.

"U-Ntsikana waliva ilizwi lika Tixo ngabafundisi, waza wazi bamba wazigcina ezonto awaye zifundisiwe ngabo.

"Kodwa-ke masingabi u-Ntsikana waye ngumprofeti obexelelwa izinto ngu-Tixo. Masazi ukuba likwaleli lizwi lika Tixo libàliweyo elitè akuliva ngabafundisi, lasikelelwa ngu Tixo, lawukanyisela umpéfumlo wakè kakùlu: likwaleli sisenalo nati. Yena weva intwana encinane, waza wati lontwana wayigcina wayikumbulela, waza wanokwazi. Ubuninzi benu ma-Xosa buliva futi elozwi lixelwa ngaba fundisi, kadwa ke noko nilivayo futi anibi zizo izicaka zika Kristu nixelise u-Ntsikana lowo simvayo. Yazini ukuba nisenjenjalo nje, imikwa ka-Ntsikana yoze inigwebe. Kulumkeleni ukuliva kwenu ilizwi, nilive ngenyaniso. Mfuneni u-Yehova lomzuzu asafumanekayo.

"Zixonxeni ngokwenu ukwamkela ilizwi lika Tixo, ukuze nidumise u-Tixo elizweni, kuti ukufa kwenu kube kokwa malunga. Qondani ukuba elotàmsanqa anisayi kulizuza nakanye ukuba niyaligxeka ilizwi lika Tixo.

IMBALI YOKUFIKA KWELIZWI KWA-XOSA.

[JOHN MUIR VIMBE.]

[*Eli pepa lilandelayo bunqìna buka John Muir Vimbe, untanga ka-Dukwana, owati emva kokugqoboka wasinikela ebushumayelini, eqala kwelase ma-Xoseni kwada kwase Natal. Wabùba engapezu kwama 80 iminyaka. Lencwadi yashicilelwa kwi "Sigidimi sama-Xosa," May, 1888.*

—*J. K. B.*]

NDIVUYISWA lixesha lokuvela kwam kwelilizwe, utè u-Mnini-nto-zonke ukundibumba kwakè wandibumba ngexesha lokutùmela kwakè Ilizwi lakè ezweni lakowetù. Ekute ke ekufikeni kwalo nabafundisi, aza amakósi etù abamkela. Nditi ke ukuzibalisela izihlobo zam. Kwafika umfundisi ndiyinkwenkwana; bekutè ngapámbi kokufika komfundisi lowo kwavuka u-Nxele, umfo ka

Digitised by the University of Pretoria, Library Services



John Muir Vimbe, one of Ntsikana's Contemporaries.

Digitised by the University of Pretoria, Library Services

Balala, no-Ntsikana umfo ka Gaba. Kwabe kukuqala kokubona kwam Ilizwi. Ndiyifunela kuleminyaka, imi nyaka yobupolofiti balomadoda, kulo we 1814 nakowe 1815. Umfundisi lowo benditè wafika, ndingati wafika ngalonyaka we 1816, ukuba andipósisi. Wafika wakà kwa Sihota, igama lakè bekutiwa ngama-Xosa ngu-SODYOYI. Emva kwakè kwafika u-Rev. Mr. Brownlee, ngalonyaka we 1820, ukuba andipósisi.

Mandingene ekuqaleni kokuliva kwam elilizwi lika Ndingokóyo. Kwafika u-Ntsikana evela e-Gqora, wafika wakà kwa-Mankazana, owakowetù umzi use Jadu, umfula ongena kwa Mankazana. Wabe esiti u-Ma, kwakufika i-Sabatà, ahambe nam ukuya etyalikeni kwa Ntsikana. Ityalike yakóna yayisenzelwa ngapántsi komqonci, izitulo ingamatye. Ekuziboneni kwam sasingati sintanganye no-Dukwana. U-Kobe emkùlu kunati. Ndandilivela ebudengeni elilizwi lo-Menzi wetù ngeloxesha. Akahlalanga kakùlu u-Ntsikana kwa-Mankazana. Kwati ngalonyaka we 1824 ekupèleni kwawo wesuka u-bawo no-Nxè* beza esikolweni sase Gwali; sangena ku-*Matshaya*. Ama-Ntsikana ese wonke; epètwe ngu Palaza, Hogu, Xelewa, Rwexana, Mazaleni, Noyi, Matshaya, Peyi, Liginye, Mtyobile, Nginya, Tamo, Velem, Qalaka. Aye epètwè yinto ka-Ntsikana u-Kobe, indoda elunge kakùlu ngemvelo, pèzu kokuba bebencóle kangaka abantu abatsha beso sikolo ngenkohlakalo yabo.

Afika ama-Ntsikana e-Gwali u-Mr. Brownlee epàhlwe ngama Lawo akwa Sihota. Eso sikolo sase Gwali sasikubizwa kubini, kutiwa elinye icala lomzi kuse Ma-Gwangqeni, kutiwa elinye lelama Ntsikana.

Iziyalo ezikùlu ebendiziva kulo makolwa eloxesha zizo ezi: Ayesiti ukwaluka sisono, nokulobolisa, nokududa, nozitèmbu. Savela ke nati sangena kwakulo ndlela, sati ke zonke ezizinto ziyimivuyo sazibiza ngokuti zizizono. Ati okólwe esemtsha elizwini, ati akukangela ekutshileni kwaba kwèta, nokuba kusemdudweni kuze kube yinto enkulu leyo, aze abe yinto yokukutshwa nase

* *Lo-Nxè nguyise-mkulu ka John Knox Bokwe ngonina, nowafela elukolweni eguqukè ku Ntsikana. Nguye obemana ebaliwela umzukulwana ngo-Ntsikana eli namhla alishicilelayo.*

Digitised by the University of Pretoria, Library Services

rementeni. Ndisababeka ngapándle abafundisi aba-mhlopé kwezi zinto. Nam ke ndingomnye wabebesitsho ukuti ezizinto zikukona, sisitsho singabuzanga nase lizwini le-Nkosi, u-Ndingokóyo, ohleli ekó kwizizukulwana ngezizukulwana.

Ndinemivuyo emikúlu kwanemibulelo emikúlu ngokugcinwa kwam ngu-Menzi wento zonke, ondigcine ndada ndakubona nokuguqulwa kwe-Lizwi lake lonke ngentetó yetú. Elilizwi lifike naba Fundisi. Lifike sinemitétó yetú eyahlukanisiweyo kweminye, eti umntu akuyapúla abe netyala. Ingaziwa mntu ukuqaleka kwayo. Elilizwi lika Ndingokóyo elafika naba Fundisi, ekuliguquleni kwabo ngentetó yetu, lifike lati kwezizinto esiti zikukona, lafika nalo lati zonke ezizinto zikukona, ozenzayo unetyala lokuba asiwe emlilweni: ezinje ngobusela, nokurexeza, nokubulala, nobuxoki, namanye amanyala akule ncwadi ye-Levitikusi xviii. 6-30, izinto ezingapándle kokwaluka, nokududa, nokulobola. Ezizinto esité tina zikukona lingatsho pofu Ilizwi lika Menzi. Utsho u-Msindisi ukuti imisebenzi ka-Yise ihamba ekukányeni.

AMABALANA ANGO-NTSIKANA:

I.—NGU-ZAZE SOGA.

U-ZAZE SOGA, umbalisi walamanqaku ngunyan' omkúlu kwindlu yase kunene ku Soga Jotelo, ngumfo wasema Jwaŕeni. Wazalelwa e-Gwali, e-Tyume. Bantanganye nomfi u-Rev. Tiyo Soga kwa nomfi u-Rev. Richard Ross. Wazalwa nge 1830, ngapambili kancinane kwi Mfazwe ka Hintsa, 1835, kwiminyaka elishumi efile u-Ntsikana. Esusela ku yise u-Soga, owayebuse ku Ngqika, wayelipakati u-Zaze ku Sandile.

Uti:—"Nanku endikwaziyo mna ngo Ntsikana. U-Ntsikana wayengumfo ka-Gaba, enguyise wo-Kobe no Dukwana aba. Ndilazi ibali lake ngokuliva ngo bawo u-Soga, ongasekoyo; nowabegqobokile ngendlela yake yalomaxesha asebumnyameni—egqoboke ku Ntsikana. Apo, pofu mna ndazalwa xa sise Gwali paya nge 1830 esandul' ukububa yena u-Ntsikana nge 1821. Noko ke kunjalo ibali lake lona ndilaze lise shushu. Ndiwabo-

Digitised by the University of Pretoria, Library Services



Chief Sandile, head of the Gaika Clans.

Digitised by the University of Pretoria, Library Services

ne ngokwam namagqoboka ake okuqala. Ndiwazi nangama-gama; ndaza nam lo ndalutâtisela kwalapo uluvo lokuba ndicinge ngo-Tixo umdali wam endifanelwe kukuti ndimkonze.

"U-Ntsikana wavelela kwa Ndlambe ukucaca ngobu profeti bake (naxa ke kodwa yayise imhlile lento yake esekwa Ngqika kowabo.) Lalilixesha lika Nxele, igogo lakwa Ndlambe, elaliteta kakulu izanga namampunge angazange apumelele ntweni kude kube namhlanj'oku. Apate kuti uyakwenza izulu liwuwele umkosi wabelungu xa kuliwayo ngase Rini paya. Ute ke u-Ntsikana, ebeye kwa Ndlambe apo, kupulapula ezinteto zika Nxele kwa Ndlambe, waman'ebukolelwa kuzo, wada wamruma no Nxele lowo ngenkab' enkomo emhlope; njengoko u-Nxele ebesel'emiseleke ukuba arunywe ngumntu wonke. Koko ke kodwa lenkomo yabuya yaputunywa ngu Ntsikana ngokuti kanti uxokisiwe naye njengabany'abantu abatyólileyo u-Nxele ngobubuxoki bake bokuti abe Lungu uyakubawisela ngezulu xa kuliwayo ngase Rini paya. Njengokuba yayise inxwalene, esiti ama Xosa akakulwa ngazikali kona, ayakulwa ngokuwisela ama Ngesi ngezulu. U-Ntsikana wampikisa esiti "Nento" kanti ke okunene amatyipkolo (Cape Corps) ayakusuka abagqibe abantu aba ukubadubula. Kute kwakuba lapo, akwenjenje ukucásana amadoda atetayo—u-Ntsikana no-Nxele, lati elakomkulu lika Ndlambe ukuyilamla:—'U-Ntsikana lo makak' eme sisapulapula le into, indlebe zobeta-betana, unanina angak'abe ngaku Ngqika paya'! Kumhla ke lomini u-Ntsikana wabuyela kowabo kwa Ngqika ukuza 'kuteta kona esiti:—'Namp' abantu bexokiswa ngu Nxele kwa Ndlambe; kanti mna le yam into ayitsho.'

"U-Ngqika utume u-Soga ukuba aye kupulapula u-Ntsikana. Wabuya u-Soga ekoliwe nzulu ngu-Ntsikana, nobunyaniso benteto ka Ntsikana wabuqûba njengoko enkosini yake emtumileyo. Suka kanti lento seyinzulu kulomfo wasema Jwareni. Ubelelinye lamapakati ka Ngqika. Suka umntu wagqoboka, waligqoboka elilikolwa lika Ntsikana elimana ukushumayela lento emzin'

Digitised by the University of Pretoria, Library Services

alo paya, ologqoboko pofu lwalomaxesha lwalungumfiliba apa osinga entweni pofu. Amanyange lawo aqal' amqonda u-Tixo njengom-Dali owadala zonk' izinto, nezinambuzane, kwanentaka ezibukekayo nezintle emehlweni. Bebesiti ke ukutandaza kwabo zonk' izintw' ezintle zibe zezika Tixo; 'ze ezimbi zonke ibe zezika Satana. Kutiwe ukutandazwa 'Wena Tixo osemazulwini, Nzwan' enkulu, owadala intaka nezilo:' ezitile nezitile, kubalwe ezintle zodwa.—'Ongafani no Satana owati akufuna ukudala intaka suka qapu wenza ilulwane, nesikova!' Lwalunjalo ke ubufiliba logqoboko lwalomaxesha abo asebumnyameni 'entwana ezincinane.' Inkosi u-Ngqika akuvana ebenezi zibongo ziti-nje ngo Soga: 'Lututwana lwendlu yomshologu'? kuba kaloku u-Soga wayak' umnquba wentendelezwana yokubèdeshela; waza kuba ebeselisoka ukuyiqala kwake lento, inkosi u-Ngqika, yakupa inkomo zokuze u-Soga alinyelwe intsimi ngazo.

"U-Ntsikana lo beno Soga mababe babengamazana nabamelwane kwangapambili. Babe zizihlobo kuba nanku u-Ntsikana wabezeke um-Jwaŕakazi, unina wo Dukwana no dade wabo. Lonto ikwaqondakala ngokuti u-Ntsikana akubuzwa ngu-Ngqika umntu azana naye kweso sakwakè apendule ngokuti ngu Soga umntu endimaziyo, aselesiti ke no-Ngqika kuye 'Yiya ku Soga ke akukangelele indaw' okuhlala.' Eyile-ke ku Soga, u-Soga waya wambeka e-Twàtwà, kwa Mankazana, kwindawo apa bati li Jadu ngegama, uteke elapo u-Ntsikana walihamba lonke elakwa Ngqika, ati ekomkulu abe epi, eshumayela lenguquko kumawabo akwa Ngqika; waye lomntu ehlonelwe kuba ingumntan' okuzalwa, ekwalipakati kwamany' amapakati. Ubeshumayela esiti—'Iti lento makutandazwe zilahlwe ezizono.' Atsho azibale ke yena izono namanyondo-nyondo abeqùtywa oko entlalweni yasema-Xoseni. Ubeshumayela esalata—"Ulo Tixo Mkulu Ngosezulwini."

"Ngumfo owabeta ngeqela leremente entsha nebukàli kunene emicimbini nasemsebenzini we Lizwi lika-Tixo. Umntu wokuqala ukuguquka kule ntshumayelo ka

Digitised by the University of Pretoria, Library Services

Ntsikana ngu Ngqika ngokwake. Ute mhla walivuma lomfo ka Mlawu:—'Ukuze kulunge makuqale mna lo kanye ukungena kulento.' Watsho wasel' efudukela kumzana wake obuse Nceła paya kufupi nenxowa le Simnari yabafundisi. Kodwa ke suk' avuka pantsi amapakati ake, ema ngenyawo emnqanda kulento; abeta wabalekela emahlatini ngokuzinqabisa nalento yake, etandaza eyedwa nje ezindle paya. Suka ke ekugqibeleni, lamapakati atanda kunene ubumnyama, amlahlekisa mpela u-Ngqika, wabeta wahlukana nalontlantsi yokukanya wabeyizuze kulowo ka Gaba etunyelwe ukuprofeta kwelakowabo lisesitokotokweni.

"Kodwa ke noko oku kwenza akalitintelanga Ilizwi elalikutshelwe umprofeti wokulihambisa; koko lasuka lona lazizuzela abalo ematyeni. Kumagqoboka okuqala ka Ntsikana ndipaula o-Noyi, Matshaya, Mbi, Tamo, Xuba, Koti, Matshikwe, Kobe, Dukwana, Sutu Soga nama-Jwała akwa Soga, o-Festile, nabanye angenelela. Esi-ke mlesi yaba siqalo se-Bandla lika-Tixo ka Ntsikana. Saseka ama-Bandla amakulu nangqindilili ema-Bofolo, kwa Mankazana, nakwa Somerset e-Mkubiso, ema Debe, Qonce, Ncemeła, Emgwali ka Ngqika, nase Transkei. Kwezindawo wofika libanzi igama eliti—'Siyiremente yase Gwali tina,' esiti umntu—'Ndaliva kwaku Ntsikana,'. . . . 'kwase Tyume,' njalo-njalo. Yiremente eyayino Moya ka Tixo, ivuma, itumekelela, ikálipile; okanye yay'isulungekile entlalweni nasebu-Kristwini bayo. Nalamabandla siwabonayo namhlanje kungatshiwo kufaneleke nokutiwa 'Yinzala yeremente ka Ntsikana,' oyena mseki wokuqala wobu Rabe kweli lasema-Xoseni. Nabafundisi abamhlope bokuqala bangenelela eqalweni lomsebenzi ka Ntsikana.

"Abantu bokuqala ekugqobokeni ku Ntsikana, njenge mfanelo, yaba ngama Cirha nama Jwała; nakubeni abekoyo wona amangqandendana ama Kwayi nama Gwali nama Ntakende nezinye izizwe; kanti ke noko wona umqumbi yayingama Cirha nama Jwała. Ama-Jwała, kaloku—lomzi ka Konwana,—wawuhlatyelwe lento ka Ntsikana kwayinqu ka Ntsikana ukuze nje bayi

Digitised by the University of Pretoria, Library Services

ngene; yilento litshoyo iculo lika Ntsikana ukuti—'Lomzi ka Konwana siwubizile.' Kutyede abashicileli ukusuke bati 'Lomzi wakonana siwubizile.'

"Bate bakufika abafundisi bokuqala abamhlope banqwenela ukuba bampehlelele u Ntsikana; kodwa ke yena akavumanga. Ubapendule ngeliti 'Hayi, oku ndikuko kundanele,' bamncama. Kodwa ke amagqoboka amaninzi ake apehlelelwa ngabafundisi, ukuze-nje u-Noyi, uyise ka-Makapela, atabate igama elingu 'Balfour.'

"U-Ntsikana ngumfo owab' enokuteta okwalata okusezayo, ukuzalisekisa unyulo lwake lobuprofeti kowabo ema-Xoseni, wateta kakulu ngentlanga ezimbini ezizayo olunye luvela ngasentshonalanga ama Ngesi; nolunye luvela ngase Mpumalanga—ama Mfengu.

Wenjenje ngabe Lungu:—

'Luyeza uhlanga olumhlope, olunwele zifana nobulembu bombona obu, luza lupete iqosha elingenamlomo (imali). Lungumpambanisi; zenililumkele eliqosha. Lupete ne Zwi lika Tixo; ze nilipulapule, nilamkele ke lona. Ukuba anilipulapulanga, izwe lenu liya kuzala zindlela zinqwelo, zintango zengcingo, nayimihlambi yegusha. Ningaze nilwe nalo, wena Ngqika; u-Nxele lo uyaxoka; uyabalahlekis' abantu.'

Nga Bambo ute:

"Luyeza uhlanga olundlebe zimabékebéke njengengqoto zesikumba; zeningalucukumisi, nemikwa yalo niyinxweme, ningayingeni. Lwakumka lwenjenjeya; zelube lubuyele kwalapo lwaluvele kona.' Utsho wati, 'Zeniqonde ke ayakubako amanqina okundinqinela abe maninzi epuma kwasenzaleni yenu apa.'

"Lomfo walekela ngezinye inteto wati 'Ndibona mna ukuba liyeza ixesha uhlanga luyakusuka pezu kohlanga, uyise angavani nonyana, intombi ipambane nonina, kude kufike u-Sifuba-sibanzi owonibuyisela kwakula Ntaba ka Ndoda.'

"Lomntu ke eteta ezinto nje ngumntu ufana nomntu wonke, unesitembu sabafazi ababini, omkulu nowase kunene. Onyana bake babe babini qá ingu Kobe omkulu

Digitised by the University of Pretoria, Library Services

no Dukwana owase kunene. Unina ka Kobe wayengum-Qocwakazi, u Nontsonta igama, unina ka Dukwana ingum-Jwaťakazi; ogama lingu Nomkini.

"Konke ukuteta kuka Ntsikana kuzalisekile ngendlela zonke. Akufananga nokuka Nxele okusajongiweyo nanamhlanj'oku; kwabeta kwavela eliqalo liti 'Kukuza kuka Nxele' xa sukuba into le ingasokuza ide ibento ikoyo.

"U-Ntsikana wasweleka nge 1821 kukugulana kwake okutambileyo okwamtata ixesha elitile. Lento ke icaciswa kukuba ete egula nje wenza waxólwa umkumbi wake womhlunguti, emana ezilinganisela ukuze angaxingi kuwo. Lomkumbi wake wade wagqitywa esapilile yena, ukuze ancwátywe ngawo akuba ede wasweleka. Oku kukuti ke u-Ntsikana akanelanga kuba ngum Kristu nomprofeti wokuqala apa ema-Xoseni; koko waba ngumntu wokuqala ukuncwátywa ngomkumbi ngokwesiko lasesikolweni. Incwaba lake nalo e-Twátwá, kwa-Mankazana.

"Wati u-Ntsikana ukuyolela kwake, pambi kokuba abúbé ese Twátwá apo, wabiza umhlobo wake, u-Soga umfo ka Jotelo, wateta kuye esiti :—'Ndikubizela lento: Fudusa olusapo lwam luno Kobe no Dukwana nabafazi bam bobabini, uye nalo e-Gwali paya e-Sikolweni, uyo kulugcina luhlale kuwe. Ukuze nje olusapo lwasema Cirheni lube se Gwali e Sikolweni paya. Okukuti esi kolweni nditsho ngokuba umfundisi wokuqala ku Ngqika u-Nyengana (Dr. Vanderkemp) wayebekwe esandleni sika Soga ngokunikelwa ngu Ngqika.

"Akubúbá u-Ntsikana okunene u-Soga uye walufudusa olusapo lwama Cirha, elufudusela kuye e-Gwali ngokomyolelo womfi umporofeti u-Ntsikana Gaba."

Lipel' apo ke Ibali lika-Ntsikana ngumbalisi ongu-ZAZE SOGA.

II.—NGU-MAKAPELA NOYI BALFOUR.

U-MAKAPELA BALFOUR, ogama lakowabo lingu Sangani, wasema-Kwayini, ngunyana omkulu ka NOYI. Waye lelona nyange kumadoda amakulu esasinawo ukulibalisa kwake ngo 1910. Wazalelwa kwa Mankazana,

Digitised by the University of Pretoria, Library Services

mhla u-Ngqika waya kudla u-Matika efika evela ku-Mshweshwe. Yintanga ka Nongobo intombi yamazibulo ka Soga. Ngemfazwe yama Linde (1818), ekwalwa u-Ngqika no Ndlambe, wayeseleyi nkwenkwe enkulu. Abanye abantu abafela kulomfazwe usabazi nanamhlanje. Uyamkumbula u-Ncamashe no Xuba. Nokuba, u-Ncamashe lowo ke, wafa egqobokile. Kusemhlotsheni ukuba u-Makapela waye welile ekulwini leminyaka eko ezweni nge 1910.

Ukusuka kwa Mankazana bafudukela Ncanarha ngase Mnyameni paya. Lonke ke elixesha u-Noyi uhlala ku Pingelo, into ka Jubů, yasema Jwaŕeni; kuba lemizi yama Kwayi nama Jwaŕa yayimi kunye igcinene ngangokuba ama Kwayi la ayebizwa ngobu Jwarha oko.

U-Noyi lo wayemfazi mnye wazala u-Makapela lo inkulu. Uti xa abalisayo:—

"Ewe ndiyamazi u-Ntsikana, umfo ka Gaba, wakwa Qanqolo, kwa Nyembezana, ema Cirheni. Waye ngum-Ngqika wenene, ihomba lenene; ebelifanelwa yimi-nweb'alo yenkunzi zodwa izingw'ezi, ingubo ashumayel' ambete yona ke leyo umnt'omkulu. Ngunyana ka Gaba owatwètyulwa ngu-Tixo, ngo-Moya Wake omandla makulu. Oku kwenzeka ngexesha lika Ngqika no Ndlambe, abafo baka Mlawu, umkuluwa ku Rarabe. Kwenzeka inkulu eyinkosi eveleleyo kwa Xosa kuxa ingu Ngqika.

"U-Ntsikana wasiseka kwa Mankazana isikolo sake; watsho ngentw'enkulu kunene, awatabatela apo ubawo u-Noyi ukugqoboka.

"Okona kumazi kwam u-Ntsikana ndimazi kakulu xa asentshumayelweni yake, namatiletile obenzeleleli; kuba ngumfo obengemprofeti njekodwa, nomfundisi; bekusemhlotsheni ebantwini naserementeni ukuba ukwa ngumenzeleleli pakati kwabo no Tixo wabo. Bekulula oku kubantu abangama Xosa abebeqèle amatola namagogo. U-Ntsikana lo ubenefute elikulu lokwenza abamlandelayo babuve ubukulu nokuba kufupi kuka Tixo kubo; ashumayele lomfo ngo-Tixo atsho bave

Digitised by the University of Pretoria, Library Services

boyisakale ukuti kanti bebesona u-Tixo nangezizono kuhleliwenje! Enkonzweni xa ashumayelayo uhleli ngasezantsi, ngasemnyango; indlu izele tu ngabantu, amadoda nabafazi. Umnumzana utsho ngomnweb'ake wenkunzi zezingwe, lengub'inkulu iwugquma kakuhle umzimba womniniwo, ogcinwe ukungake uvele kuy'apa. Intshayelelo enkonzweni ibiqala nge Culo:—'Ulengub' Enkulw'esiyambata tina' le idla ngokutiwa 'Ngulo Tixo mkulu ngosezulwini,' kulemihla. Uyakuti akungena kulomhobe lomfo, kutiwe-ṙe ukuhlala endlwini apa ngabakèdamele Izwi lika Tixo; iti yakumamkela indlu, angene ashumayele lento imhlileyo, itiyene ne sono, abacázele uboni babo entlalweni yabo yemihla ngemihla, esalata izinto ezikubo azitiyileyo u-Tixo.

"Woshumayela umfo ka Gaba kude kupunyelwe pandle ngokuxinana kuba kuze nowapi ukuza kupulapula 'lento,' atsho balile abantu inyembezi ziqukuqele njengomsinga zipuma kwabahleli entla endlwini zibete ziwunqumle umbundu weziko. Yab'ilixesha ebesingafunwa kade isono nenyala ema-Xoseni; abebesiti ababanjwe ekuṙexezeni babulawe ngokuxónywa emtini badliwe zincúka bejing'apo, londoda nalomfazi. Lomfo ushumayela ngo Krestu esiti—'Guqukani, guqukani nonke ezonweni. Emxela u-Nyana ka Tixo okupela kwake ku-Yise, u-Ngub'enkulu, u-Hlati lenyaniso, u-Nqaba, ne-Liwa lenyaniso. Ibe ngu-Nyana ka-Tixo ke lowo. Wod'ati.

"Imvan' encinane ngu Mesiyasi:"
"Unyawo zinamanxeb' okubetelwa."
"Uzandla zinamanxeb' okubetelwa
"Eyahlatywa nge-ntshuntshe ecaleni."

"U-Ntsikana ubemcáza umntu ongu Dafeti amenze oyena nozala wamakolwa; ekwada kwati ekundilekeni kweligama ngobuko balo, kwako indoda etiywe nge gama elingu Dafeti, iliqaba lom-Xosa pofu, kwa Mankazana paya. Igama lika Adam, nelika Dafeti, nelika Mesiyasi, Imvana ka Tixo, aqala ngo Ntsikana

Digitised by the University of Pretoria, Library Services

ukuviwa lomini; koko ke ate ukuqaviseka acace, kwakuxa kude kwafika abafundisi abamhlope bokuqala nalencwadi yabo ye Baibile, Ilizwi lika Tixo; efike nayo yakubalisa okwayo ngo Adam, nendalo ka Tixo; ngamanyange ango Dafeti kwano Mesiya ozayo. Kodwa makuhlale kusazeka kona ukuti umprofeti u-Ntsikana, njengom-Xosa kwasema-nyangeni, nomntu ongena-mfundo konkena, u-Tixo wamvelisa kowabo ngalondlela Yake yabamfiliba naluqiza oko; yazakuba semhlotsheni kodwa kulamaxesha sinawo, kwa yona.

"Ekushumayeleni kuka Ntsikana yangena lento ebantwini bakowabo, nakubeni bengatanga bůkuqu, nanjengokuba naye wayebayaleza ukuba balamkele; kangangokuba kuqale u-Ngqika kanye ekulamkeleni, esiti oka Mlawu:—'Ukuze iqondakale lento makuqale kungene mna lo kuyo.' Wadungudeliswa ngamapakati ake ngokuzinamatelisa kule nkonde ndini yobubu-Xosa; walahlekana nendlela awayeyityilelwe u-Ngqika ngu-Moya ka-Tixo. Ezipakatini kona kwaŕezuka kanobom, nangokuba lento iqutywa ngumntan' ompakati u-Gaba, ekwanguye naye ngokwake. Lomfo ke ubaxelela futi ukuti lento Izwi lika Tixo asiyo yamagezana namagezazana. Sikumbula o-Noyi (Balfour) Matshya, Mbi, Nquka (itoliki) Kobe, Dukwana, Xelewa, Xuba, Ncamashe, Rwexwana, Tamo, Ngqokweni, Tyakatya, Hogu, Mangindi, Koti, Festile, namany' amabusa asema-Xoseni, amagam'awo asingewafeze, azinikela enkonzweni ka-Tixo. Indili iye yema ngesikolo sake sase Gwali, apo ama-Jwarha akwa Soga aqala kona ukukokela elizwini lika-Tixo eqalelwe ngu Sutu umfaz' omkulu ka-Soga, nozala u-Nongobo no-Festile nabanye. Wapuma ekutyámbukeni kwekondo lika Ntsikana nomfundisi wokuqala kwabantsundu, umfi u-Tiyo Soga, ngexesha lomfundisi wokuqala u-Rev. Wm. Chalmers; kuba naba bafundisi bokuqala bagalela kulomsebenzi sewusekwe ngumtanjiswa nomnyulwa ka-Gaba.

"Abanye kulempi yabigqoboke koka-Gaba, yapehlelelwa ngaba fundisi bokuqala abamhlope yaqokozwa namhla kulenyaniso bayingeneyo. Abesiti ke umntu

Digitised by the University of Pretoria, Library Services

ekupehlelelweni anikwe igama elitsha, elona wobizwa ngalo ebu Kristwini, njengoko u-Noyi watiywa elokuba ngu Balfour. Laba lisiko elitsha ke eli nakuti singene lendlela intsha, asalazi; kub' amagam' etu besingahleli siwabonanto pofu. Kumhla yangena ebantwini ingqeqesho yebongo; ati umntu eseliqaba azigcinele igama kula mahle namhlanje, awozitandela ukuz'atiywe ngalo akuba eguqukile.

"Makungaze kulibaleke ukuba ngenene nenyaniso le tyarike yase Rabe yasekwa ngu-Ntsikana kowabo ema-Xoseni; abafundisi abamhlope basema-Xoseni bona bafika ngokupulusha imihlwa kwesi siseko som-Xosa ema-Xoseni; nabo-ke sebehambisa ngemfundo, nengqoboko yasema-Ngesini ekunye nenkanyiselo nengqeqesho yeminyaka. Lahlala kwa ukususela kulomaxa igama lomhlambi ka Kristu kuleremente, ne Bandla lika Tixo lasema Xoseni ozibiza nini nanini, ngelokuba wona uyiremente ka Ntsikana. Atete eseti umutu—'Ndagqoboka ngo-Ntsikana mna;' umhlaumbi ati 'Ndaliva kwango Ntsikana,' 'kwase Gwali.' Lamagama ke akalibaleki:—asahleli nanamhla. Isiprofeto sika Ntsikana.

"Akahlalanga entshumayelweni apa yodwa yokuguqul' abantu, waxela nezinye izinto ezohlala zihlale zibonakale—ezalata zingeko—kusemnyameni; namhla kulemihla yetu sizibona ngamehlo; sinqine sisiti—Wayetshilo umporofeti u-Ntsikana. Wakankanya intlang' ezisezayo esalata. Empumalanga nase Ntshonalanga. Waqala ngabelungu wati—'Kuza uhlanga olunwele zingcaka zifana nobulembu bombona; luza lupete into ezimbini, iqosha elingenamlomo (imali) zeningalamkeli; eyesibini le bayakuza batétè ngayo, eli Lizwi lika Tixo,—zenilamkele. Ngqika! ukuba akulamkelanga, elilizwe liyakuzala zindlela zenqwelo, nendlwan' ezimhlotshana. Ukuba nilamkele iqosha eli, niyakupambana unyana noyise, umfazi nendoda, intombi nonina. Zeningaze nalwa noluhlanga, nilahlekiswe ngu Nxele lo, oluhlanga luzizigitshimi zo-Tixo opilileyo. Niyakukè nitiwe nyishi nibe' mangweni mnye, pakati kwe-Nciba nom-Bashe, nama-Mfengu; ekoti-ke kulapo kuvele nto ingu Sifubasibanzi ininqande inibuyisele kwakwi Ntaba ka Ndoda.'

Digitised by the University of Pretoria, Library Services

"2. 'Luyeza oluny' uhlanga, lovela ngapa, uhlanga olundlebe zifana nengqoto zesikumba. Loqala ngokuba ngaba konzi kuni emva koko lojika lufun' ukunihluta ubuntu benu. 'Zeke nilulumkele, ningatatinto yalo, nosala nelishwa. Lohlala luhlale lube lubuyele kwalapo luvele kona. Elilizwe lisaya kuzala zindlela zenqwelo, lityiwe yimihlambi yegusha, lizale nazintango zengcingo, nendlwana ezimhlotshana ziyakulizaza lipela. Elilizwi lika Tixo liyakuma; loda lishunyayelwe nangabenzala kanzala yenu nokuba anisaliteni nina. Usaya kulaulwa lilo lomhlaba; nakubona nani. Nani aba niyakupinda niwel' Inciba, nibe pakati kwe Nciba nom-Bashe, baqale abantwana benu babe zintshaba zenu; nabafazi benu bangavani nani, intshaba zenu zibe ngabendlu zenu. Ngalomihla niyakuqala ningene kulamahlazo niwoyikayo namhlanje; ngeloxa uhlanga luyakusuka pezu kohlanga. Zenibe yimbumba yamanyama, kobe kuvelento ininqande nibuyele kwakula Ntaba ka-Ndoda.'

"Saba njalo-ke ukuquba kwaso isiteto sesi profeto sale ndoda. Senditshilo ukuti ubekwangu menzeleleli.

"Ndamqonda, ndingu Makapela nje, mhla ngentsabo esinga "e-Tambo" kubalekwa impi ngexesha lo-Ngqika no Ndlambe. Saba ngalalisa apa sahlahla etyólweni tina makwenkwe ngomteto ka-Ntsikana sibete sigabule isanda; sisindinde; sibeyintw' entle; sizenzela indawo yetyarike. Sotsho de sicwangcise namatye ezitulo zamatye amana ukukwelaniswa, ingenele apo ke inkonzo yetyarike. Kwanjalo kulo lonke ke uhambo lwetu. Asaze sahlukane nendawo engumnquba ka Dalidali wetu. Qonda kenawe lomsebenzi sendiwusebenza ngezi zandla zam, mna Makapela; andisaxelelwa nabawo. Sendizibonela ngala mehlw' am, ndingumntu, ndinengqondo.

"Pambi kokumka kwake elizweni u-Ntsikana wayolela esapilile wenza umkombe wake wokuncwátywa emana elinganisela ukuz'alunge kuwo, ungowomti womhlunguti. Lomsebenzi ke uqutywe ngu Noyi beno Matshaya, abona bongameli. Oku kwenzeka kwa Mankazana, e-Twátwá apo ancwátyelwe kona. Ute ngaminazan'itile kokuman'elinganiselwa kweli ncwába, nalo-

Digitised by the University of Pretoria, Library Services

mkombe wake bemfakile wavakal'esiti, ngokuqùla, 'Selani niselela' kuba ebekwa lincoko. Ute u-Noyi nanko umfundisi esiti 'Masiselele.' U-Matshaya upendule ngeliti: Nakanye! Ingani nelawu lentaba lide liti cwaka pambi kokuba kuselelwe!, Bamkupa kuba ebesahleli. Kanti ke kuyakuti ngabusukwazana butile, ekuzeni kokusa apume umpefumlo umporofeti. Ehlake! Isililo esalilwa kwa Mankazana nase Gwali, izikolo zalomporofeti, asinakulibaleka ezindlebeni zam ndingu Makapela nje; nditeta mna nanamhl' oku! Yinto eyabeta kwanga sekukàla namawa, kwana mahlati la, la! Wancwàtywa ngu Noyi no-Matshaya ngenkonzo ezuke kunene. Umkombe wake wafakwa ubotshwe nge ntambo zenkomo ungabetelelwe ngazikonkwane ezi senza ngazo tina.

"Walala kobandayo lomini umfo odume kunene ka Gaba, kanye xa ayilentanga imadoda. Ngalomaxesha umntu ebesahlala ixesha. Ukufa kuka Ntsikana kwaba mayelana neminyaka emitatu emva kwemfazwe yama-Lindi (1818). Kwakusekuvelwa e-Tambo. Kwalinywa umnyaka wempuku nowokwaluka kuka Tshona beno Xayimpi, kwanoka Tyali Ngqika; oko-ke kukuti yayingu mnyaka we 1821 umhlaumbi 1822.

"Ndihleli ndilukumbula uhambo lwentsabo esinga e-Tambo mhla saya kunyatela e-Tshokotshela, e-Lukuko, e-Nyarha, Emtontsi, nanko; saya kutinta ngezontaba zom Tomboti sino Ntsikana; oti apo kulaliswe kona asiyolele sitat'amazenjana sihlahle etyolweni ibala, siligece kutitu sibeke namaty' okuhlala ibe yityarike ke leyo, anqulele intsikelelo u-Ntsikana ngenkonzo yembèdesho,

"Ewe, u-Ntsikana walitumela Ilizwi lika Tixo—alamkeleyo, lamngena—ngezitunywa ku-Hintsa, kuba Tembu kwa Ngubencùka nakwa Gqunukwebe. Kukuze u-Hintsa alinine ngokuti: 'Lifanel'ama-Mfengu la!' Noko ke alizange licàswe emhlotsheni noko lingamkelwanga ngantliziyo. Lafumaneka ukuba liyabutshitshisa ubuntu nobu kosi babo; pofu lixelwa ukuba lento iyavakala itetwayo ukuba iyinyaniso.

"Lipel'apa ke ibali lokwazi kwam mna, MAKAPELA BALFOUR, ngomfi u-Ntsikana Gaba um-porofeti wodumo ewasema-Xoseni. Naxa afileyo yena u-Ntsikana usateta nemisebenzi yake ke ilandelana naye."

Digitised by the University of Pretoria, Library Services

III.—NGU JACOB MNXUMA NOYI.

U-JACOB MNXUMA NOYI uti:—"Ndazalwa nyakana wangena esutwini u-Mtiřařa ka Dyan Tshatshu, emveni kwemfazwe ka Hintsa, e Dikeni, ngonyaka wokuqala ukumiwa e-Dikeni kusukwa e-Ncera. Ndizalwa ngu Robert Noyi, um-Kwayi ozeke intombi ka Ntshanga u-Mpondo kwa Ntinde. Ndingunyana wesixenxe ku Noyi. U-kuqala kwam ukubona izinto ndaqala ngemfazwe ye Zembe. Ndiyi nkwenkwana elandela lamakwenkwana alusa amatole. Ubawo ubehlala kwa Mankazana, ndizelwe seleyi řemente ka Ntsikana. Ubawo waguquka ebehambele ku Dyan Tshatshu ku-Sihota, kunye no Matshaya owayemi kwa Gaga. Waza ubawo bahamba no Matshaya ukuya ku Ntsikana pesheya kwe Ncwènxa kwa Nontlutu, ukuya kuhlala no Ntsikana kuba eqale wagqoboka waza watyilelwa ngu Tixo. Elibali ndiza kulibàla libali endalixelelwa ngu bawo umntu obegqoboke pantsi ko Ntsikana. Apo ndihlala kona ndihlala e-Lovedale Station, kwisiqingata sase Dikeni.

"ZIKULU! Lembali ndayityelwa ngu-bawo, umntu wokuqala owaguqukayo emva ko Ntsikana, waza wamana ukuhamba naye, wazo wapatiswa i-Remente yake akufa u-Ntsikana.

"U-Ntsikana unyana ka Gaba, isikulu ema-Ciřeni, kuqala wayengum-Ndlambe. Isikulu ebesibekwe njenge nkosi, Ingubo yake ibisenziwa komkulu ngofele lwengwe. Umfo obesiteti, iciko, enesitunzi kakulu, kuba ubengagezi, engatandi ukwenza into embi kwa nokuyiboma. Ihomba. Umfo obeti xa alala pezu kwengubo yake ayiblnqe ngentl' apa. Kwa nekùtshu lake elincinane lokwalusa inkomo zake ibilelengwe—kuba ngeloxesha amanene ebezalusela inkomo zawo.

"U-Ntsikana lo waye bafazi babini, omkulu yayingu Nontsonta, unina ka-Kobe intombi ka-Ntondo. Owasekunene yayingu Xobo unina ka Dukwana, intombi ka Nqwede yasema Jwareni, eyazala intomb ezimbini u-Ntobela no Lenge. U-Ntsikana lo wayehlala e-Gqora. Waye batanda kakulu abafazi bake. Kwati ngamhla utile kwako umdudo. Sanxiba isikulu ukulungiselela umsito,

Digitised by the University of Pretoria, Library Services



Sarili, Head of Gcaleka Clans and Paramount Chief of Ama-Xosa

Digitised by the University of Pretoria, Library Services

zapambana izidanga kuhomba. Lomfo ubelicikolengoma engumhlabeli, ngapezu koko ebeyindudi. Namhla ute' akufuna ukunyuka (ukuxina) akwalunga nto, wapelelwa zizimbo, akaziva enguye. Wenziwa kukungenwa ngu-Moya Oyingcwele, wamngena kakulu entliziyweni. Woyiswa kakulu, kwaye lento ukumqala kwayo akayazanga, wada ke waya ebona ukuba ide iti lento anayo itete naye (Andicâni kamnandi nokuba yateta naye kwangalomini-na.) Lento yamana ukuteta imxelela izinto ngezinto. Watyilelwa nendumiso nentshumayelo ezi. Yakuba imhlile "Lento" waya ku Ndlambe kwase kuqaleni, ukuya kumtyela ngetamsanqa alitunyiweyo kuye. Kwaye ke ngelixesha kuko itola u-Nxele, elalimana liteta lisiti:

Ama-Ngqika ayakuba zimbovane ukuba ake ahlala ku Ngpika.' Wati makabuliswe njenge nkosi.

"U-Nxele esiti ezizinto azitetayo uzitunywa ngu 'Tayi' (isi-tixo esasibonwa ngu Nxele). Akufika u-Ntsikana U Ndlambe ute: 'Kawenze kuhle ukuteta Ntsikana, sisa pulapula lento itetwa ugu Nxele.' Wati u Ntsikana. 'Ukuba akulamkeli elitamsanqa ndiza kulisa ku Ngqika;' ukuze u-Ntsikana azokuba kwa Nontlutu pesheya kwe Ncwenxa. Kulento imhlileyo ufike watyilelwa amaculo amabini, washumayela Ilizwi lika Tixo, wadumisa ngalamaculo mabini. Lemizi ibihlalelene naye ifike yalitambela Ilizwi. Ute u-Ntsikana akayivumela imbola ukuba mayiqatywe. ayaqatywa.

"Wanduluka u-Ntsikana akunganeliswa ngu-Ndlambe waya ku Nontlutu, waya kulishumayela naku Ngqika; no Ngqika ubesiya kuye, wade walitobela Ilzwi lika Tixo. Ate amapakati akalitanda Izwi lika Tixo, ateta ukuti azakumlahla, aye kubusa kwezinye inkosi. Wasele lahla u-Ngqika nalontwana ebenayo. U-Ntsikana wati 'lento' imxelela ukuba into ezimbi, ezingalungileyo, nemikwa encolileyo, aziyeke. Watyilelwa eliculo lodumo liti: "Ulo-Tixo omkulu," awati liteta ukuba okolwayo wofumana usindiso lompefumlo. Ke ngengqoboko yake wati umfazi wake u-Xobo wamlahla ngokuya ebetyilelwe ukuba intombi ka Nqwede ayingomkake.

Digitised by the University of Pretoria, Library Services

Kwintyilelo yake ebugqobokeni ufike washumayela, pakati kwezinye izinto: 'Ukuba anilamkeli Ilizwi lika Tixo niyakwenza ukuba umhlaba wenu ube lixòba, zitì izizwe zinyuke ngani. Nina ma-Xosa ezontshinga zenu ziyakududa pesheya, kwe-Nciba. Kulapo niyakukè nibe nexesha kona.'

"U-Ntsikana wabafundisa abantu ukutandaza nokudumisa u-Tixo. Amaxesha ake ibilela ngokuhlwa kwakugqitywa ukutyiwa, nakusasa ngoms' obomvu. Ngezinto awaye ziteta u-Ntsikana abanye babesiti lomntu upambene, abanye uyatwasa, abanye pofu bembona ukuba akana nto anayo abakolwa.

"Kwesizukulwana sangoku kuko abati— Kuba profiti bakudala umprofiti ubesiti akugqiba ukuxela intyilelo zakwa Tixo ati—'utsho u-Yehova u-Tixo wemikosi!' waka watshona u-Ntsikana? Impendulo yam: Akazange atsho, kuba nenkolo emntwini ayiteti ngandlela nye. Yayisipiwo awayesipiwe ngendlela u-Tixo awayiqondayo.

"U-Ntsikana uyokufela e-Twàtwà. Wati pambi kokuba afe waxela ukuba uzakufa, waza wahamba no bawo, no-Matshaya, Qalaga, Hogu, no Ncamashe, ekangela indawo amaze ayokuncwàtywa kuyo akufa.

"U-Ncamashe waya kugawula umhlunguti wokwenza umkombe; uwuxozele kwasendle. Lembiwa incwàba wati makwenziwe igumbi ecaleni, ize afakwe kulo Kumbiwa nje umana ukuzilinganisela engena epuma. Ute u-Matshaya akubona ukuba u-Ntsikana akapilile wati mabamgoduse. Ute akufika ekaya wabùbà. Kuzilwe ngenkomo.

"Ute ukufa kwake—'Zeniti nakusuka apa niye e-Gwali, apo Ilizwi lika Tixo liyakwabelwa kona. Nibe yimbumba yamanyama.' Ahamba ke lomadoda akahlukana, ade asike azakufika e-Gwali. Inkoliso yalomadoda yabùbela e-Gwali. Afika esandul' ukufika u-Buluneli e-Gwali, eno-Mjamba Nquka, no Hanise Nquka, nabanye abangena magama njengo Nquka. I-Remente le ka Ntsikana yayipetwe ngubawo no Matshaya, yiyo eyaya kushumayela ku Ngqika akuba efile u-Ntsikana. Le

Digitised by the University of Pretoria, Library Services

Remente yaka indlu apo inkosi iyakufikela kona namakosikazi ayo. Uncwàtywe ngengubo yake enkulu yokulala."

IV.—UMNOMBO WAMA NTSIKANA.

U-REV. TIYO BURNSIDE SOGA uti:—Nangu umnombo ke wendlu yakulo Ntsikana:

Upuma ku Qanqolo
Ntswentswe
Mhlandla
Tàna
GABA

Runqa (Inkulu)		Ngetu		Vellem		NTSIKANA
Nqebeya		Mda		Nyosi		Kobe
Maxuku		Folom		James Roberts		Dukwana
		KOBE				†Ntobela
†Nomali	Makaka	WILLIAM	Feni	Seteni	Mpini	†Lenge
	William		Jessie			†Dwala
	Falteni	Ntsikana				
				DUKWANA		ALICK
		Burnet		Francie		Vulangengqele
		Jessie		Alick		John
		Runqa		Daniel		Elizabeth
		Nkungu		John		Irvine
		Don		†Mary		Francie
		Mzimasa		Thomas		Douglas
		&c		Stephen		Adelaide
						Philpina

U-NTOBELA intombi enkulu ka Ntsikana, ezalwa ngum-Jwarakazi, yendela ku Matshikwe, Umkwayi, ozala abafundisi ababini abangu Ndongo no Petwell.

U-LENGE, eyesibini, yendela ku Mazim, um-Ntinde, Engu-DWALA yendela ku Mhalla, inkosi yama Ndlambe. Inkosi u-Kondile Nathaniel, ngumtshana ema-Cirhene. U-NOMALI, eyamazibulo ku Kobe, yendela kumfi u-Matayo Dungela wasema-Bambeni omi kwa Ntselamanzi, e-Dikeni.

Engu MARY Dukwana yayendele kumfi u-Nkohla, umfo ka-Falati, wasema Mpingeni, e-Sidutyini, Saint Marks.

(ISIPELO)

Digitised by the University of Pretoria, Library Services

Digitised by the University of Pretoria, Library Services